Isaziso Esisemthethweni

ISAZISO SOKUDLULISELWA KWENXENYE YESHISHINI LE-INSHORENSI LE-GUARDRISK LIFE E-EMERALD LIFE NGOKWEMIMISELO YECANDELO LAMA-50 LOMTHETHO WEE-INSHORENSI

I-Guardrisk Life Limited (inombolo yobhaliso 1999/013922/06) ("**i-Guardrisk Life**") iceba ukudlulisela inxenye yeshishini layo le-inshorensi e-Emerald Life Proprietary Limited (inombolo yobhaliso: 2016/534835/07) ("**i-Emerald Life**") ngokwemimiselo yecandelo lama-50 loMthetho wee-Inshorensi ongunombolo 18 ka-2017 ("**Umthetho**") ("**Udluliselo Olucetywayo**").

Zonke iipolisi ezichaphazelekayo luDluliselo Olucetywayo zibandakanya iipolisi zokungcwaba ezimelwe yi-Guardrisk Life, ezithengiswa nezingaphantsi kolawulo lwe-Emerald Life ("**iiPolisi Ezidluliswayo**"). Iipolisi Ezidluliswayo ziya kudluliselwa kwi-Emerald Life ngaphantsi kwemimiselo yesivumelwano sokudluliswa kweshishini esiqosheliswe phakathi kwe-Guardrisk Life kunye ne-Emerald Life ("**Isivumelwano**").

Nanjengoko uDluliselo Olucetywayo lubandakanya ukudluliselwa kweePolisi Ezidluliswayo ukusuka e-Guardrisk Life ukuya e-Emerald Life ngaphandle kwemvume yabanikazi beepolisi, kudingeka inkqubo ebanzi yasemthethweni ngokwemimiselo yoMthetho, nequka, phakathi kokunye, ukuvunywa koDluliselo Olucetywayo yiPrudential Authority (iGunya elijongene noLawulo lwamaZiko eMali neeNkampani ze-Inshorensi).

Yakuba iPrudential Authority iluvumile Udluliso Olucetywayo, i-Emerald Life yiyo eyakuba noxanduva lokuphumeza zonke izibophelelo ze-Guardrisk Life ezinxulumene neePolisi Ezidluliswayo.

Iinkcukacha malunga noDluliselo Olucetywayo ziqulethwe kwiSivumelwano. Isivumelwano sixhomekeke ekufezekisweni kwemigaqo ekumele iqale izalisekiswe, nequka, phakathi kokunye, ukuba iPrudential Authority iluvume uDluliselo Olucetywayo.

Likopi zeSivumelwano ezi-Elektronikhi, namanye amaxwebhu anxulumene noDluliselo Olucetywayo aya kufumaneka ukusuka nge- **25 Meyi 2022** ukuya **kwi-23 Juni 2022** kwiiwebhusayithi ze:

- Guardrisk Life: https://guardrisk.co.za/policyholder-notifications/;
- Emerald Life: https://emeraldlife.co.za/gr_transfer; kunye

nakwii-ofisi eziyintloko ze Emerald Life (86 Edward Street, 3rd Floor, Sterling Place, Bellville 7530),

Ngaphandle kwangeMigqibelo, iiCawe kunye neeHolide zikaWonke-wonke ("**Ixesha Lokubonwa**");

Nawuphi na umntu onomdla kulo mba angakwazi, ukungenisa ngeXesha Lokubonwa iziphakamiso kwiPrudential Authority malunga noDluliselo Olucetywayo. Iziphakamiso kufuneka zingene kwiPrudential Authority ngaphambi komhla we-**23 Juni 2022**. Nceda uthumele yonke imibuzo nge-imeyile ku- info@emeraldlife.co.za

Kungenjalo, nceda uthumele imibuzo yakho kwiPrudential Authority nge-imeyile ku- SARB-PA@resbank.co.za.